basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**2022**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha ali-12.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMANE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-45 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-20 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-55 |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

**#KFC ABATSHATI BODUMO**

1 UHector Mkansi noNonhlanhla Soldaat badibana emngcwabeni ngonyaka wama-2010. Zange baphinde bahlukane ukuqala ngoko. Batshata ngonyaka wama-2012 umtshato ongekho mkhulu. Uthi xa athetha ngawo uHector yayingengomtshato wamaphupha akhe.

2 UHector uchaza athi kwi-CNN, 'Ngowama-2011 usapho lwaqala ukulungiselela ilobola (*bride price*). Ngowama-2012 satshata umtshato wesiXhosa owawungekho mkhulu kuba sasingenamali ininzi yokwenza umtshato omkhulu. Satshata noNonhlanhla kodwa sisazi ukuba asingomtshato ebesiwubawela lowo.'

3 Uthe uHector ebengonwabanga yiringi yexabiso eliphantsi awayeyithengele uNonhlanhla ngexesha lomtshato wabo. Waza wagqiba ngaphakathi kuye ukuba xa enemali uya kumthengela enye iringi enexabiso eliphezulu. Ekwacinga nangokumothusa ngokwenza isicelo somtshato **kwakhona**. Eso sicelo somtshato asenzele kwindawo yokutya ethandwa nguNonhlanhla eyi-KFC.

4 Abasebenzi bakwa-KFC babemangalisiwe sesi sicelo somtshato kodwa bancedisa ukuba siphumelele. Ubalisa athi uHector, 'Safumana ukutya kwethu e-KFC. Wathi xa uNonhlanhla evula ukutya kwakhe, wafumana iringi. Kulapho ndaguqa ngedolo ndacela umtshato.' Kuthe kanti apho kwa-KFC kukho umntu abangamaziyo obafotayo. Loo mntu waxhoma ividiyo (*video*) yabo ku-*Twitter* no-*Facebook* kwangelo xesha.

5 Ekuqaleni abantu zange bayithande into kaHector yokwenzela isicelo somtshato kwa-KFC. Abantu babehleka besithi amadoda aseMzantsi Afrika awanamali. Ade enzele izicelo zomtshato kwa-KFC. Abaxhasi baka-*Twitter* bona basuka bayincoma le nto, banomdla kakhulu. Ngenxa ka-*Twitter,* no-*Facebook* ngoku bajika abantu bancoma, bayeka ukuhlekisa ngoHector. NgoNovemba ividiyo yabo yesicelo somtshato <u>yaduma</u> kakhulu ku-*Twitter* no-*Facebook*. Umtshato wamaphupha abo waba ngomhla wama-31 kuDisemba 2019.

6 Kwabakho iqela eliyi-'#*KFC PROPOSAL*' elanceda ngokuxhoma ividiyo yomtshato wooHector ku-*Twitter.* Oku kwenza ukuba iinkampani ezifana neyakwa-Uber, eyakwa-Audi neyakwa-Lexus zinikezele ngezithuthi zokusa ooHector kwindawo yokonwabela umtshato wabo (*honeymoon*). Inkampani yakwaKulula neyakwaMango nazo zancedisa ngokubabhabhisa abatshati. Inkampani yakwa-KFC waseMzantsi Afrika incedise ngokubafunela umntu wokulungiselela umtshato. Abantu baseMzantsi Afrika bona bancedise ngokubhatalela ooHector ijuwelari, imasaji kwi*Spa* kunye nefenitshala yendlu.

7 '**Asikakholelwa**,' batshilo uHector noNonhlanhla kuba bathi bona bebezenzela nje umtshato wabo. Khange bacinge ukuba umtshato wabo uya kuduma, waziwe kulo lonke kwaye ube kwizinga eliphezulu. Babulela kubemi boMzantsi Afrika uphela ngoncedo abalwenzileyo ukuphumeza iphupha lomtshato wabo.

[Sithatyathwe ku-www.google entertainment, National and World News,
Saguqulelwa, saza sahlelwa]

JONGA KUMHLATHI 1

1.1.1 Nika amagama abantu ekuthethwa ngabo kulo mhlathi. (2)

1.1.2 Xela unyaka abadibana ngawo uHector noNonhlanhla. (1)

1.1.3 Chonga amagama amaBINI kulo mhlathi alandelelanayo athetha ukuba umtshato wabo wawumncinci? (1)

JONGA KUMHLATHI 2

1.1.4 Xela ukuba uthi uHector lwenza ntoni lusapho ngowama-2011. (2)

1.1.5 Kwakutheni ukuze uHector noNonhlanhla bangatshati umtshato abawubawelayo ngokwalo mhlathi? (2)

JONGA KUMHLATHI 3

1.1.6 Yintoni le yayisenza uHector angonwabi yiringi awayeyithengele uNonhlanhla? (1)

1.1.7 Wagqiba nabani uHector ukuba uza kuthengela uNonhlanhla enye iringi? (1)

1.1.8 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwezi zingezantsi:

Igama '**kwakhona**' elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi lithetha:

A Ukuqala ukuyenza into.
B Ukuqala ukungayenzi into.
C Ukuphinda uyenze into.
D Ukuphinda ungayenzi into. (1)

JONGA KUMHLATHI 4

1.1.9 Ucinga ukuba yintoni eyayisenza ukuba bamangaliswe abasebenzi bakwa-KFC sesi sicelo somtshato sikaHector? (2)

1.1.10 Wayifumana njani uNonhlanhla iringi entsha awayeyithengelwe nguHector ngokwalo mhlathi? (2)

1.1.11 Ngubani owaxhoma ividiyo yooHector ku-*Twitter* no-*Facebook*? (1)

JONGA KUMHLATHI 5

1.1.12 Xela into eyenza ukuba abantu bayeke ukuhlekisa ngesi sicelo somtshato senzelwe kwa-KFC. (2)

1.1.13 Bhala intsingiselo yegama 'yaduma' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

JONGA KUMHLATHI 6

1.1.14 Nika igama lenkampani ibeNYE encedise kumtshato kaHector noNonhlanhla. (1)

JONGA KUMHLATHI 7

1.1.15 Libonisa ukuba bavakalelwa njani ooHector igama '**Asikakholelwa**,' elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi? (1)

JONGA KWITEKISI YONKE

1.1.16 Ingaba uHector kwamnceda ukuya kwenzela isicelo somtshato kwa-KFC? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2 Qwalasela lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**



[Uthathwe ku-www.googleimages.com]

1.2.1 Xela ukuba wenza ntoni umntwana okulo mfanekiso. (2)

1.2.2 Yintoni ebonisa ukuba lo mntwana akayihoyanga le nto ayenzayo. (2)

1.2.3 Ucinga ukuba yintoni injongo yomfoti ngalo mfanekiso? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa simalunga noncedo luka-*Twitter* noo*Facebook.* Bhala isishwakathelo NGEENDLELA ABALUNCEDO NGAZO u-*TWITTER* no-*FACEBOOK* ebantwini.

### IMIYALELO:

1. Bhala iingongoma EZISIXHENXE.
2. Sebenzisa amazwi akho kangangoko unako.
3. Iingongoma zakho zinombole ukusuka ku-1 ukuya kwi-7.
4. Bhala ingongoma nganye kumgca omtsha.
5. Ushwankathelo lwakho oluneengongoma ezisixhenxe MALUNGADLULI KUMAGAMA ANGAMA-50.
6. Bonisa INANI LAMAGAMA OWASEBENZISILEYO EWONKE kwizibiyeli ekupheleni koshwankathelo.

### ISICATSHULWA C

**U-*TWITTER* NO-*FACEBOOK* BALUNCEDO EBANTWINI!**

Amaqonga u-*Twitter* no-*Facebook*, abuchaphazela ngeendlela ezintle ubomi babantu xa bathe basetyenziswa kakuhle, ezizezi:

U-*Twitter* no-*Facebook* babanceda kakhulu ootitshala nabafundi ngolwazi. Umzekelo; abafundi badibana nabantu abanolwazi malunga nezifundo zabo kula maqonga.

Bakwaluncedo kwakhona kuba bayasetyenziswa ukwazisa imisebenzi, neesevisi ezifumanekayo zokunceda abantu ekuhlaleni. Umzekelo, imibutho engekho phantsi korhulumente ekwaluncedo, yaziswa ku-*Twitter* naku-*Facebook*.

U-*Twitter* no-*Facebook* banceda ukudibanisa abantu abangafaniyo ngokubazisela ulwazi abanomdla kulo. Umzekelo, abantu abangafani ngokwenkolo (*religion*) okanye omhlophe nomnyama, bayakwazi ukuvana ngezemidlalo, umculo, nezinye.

Kwakhona, u-*Twitter* no-*Facebook* bayabanceda abantu abaphazamisekileyo engqondweni nasemoyeni ngokubenza bazithembe. Umzekelo, baveza izimvo zabo kula maqonga, bathethe bengoyiki.

Bakwanceda ngokusindisa ubomi babantu abaneengxaki ezibenza bacinge ukuzibulala. Kaloku abadibanisa nabantu abaneengxaki ezifana nezabo batsho bafumane amacebo, bomelele.

U-*Twitter* no-*Facebook* benza kube lula ukuba udibane nabantu abacinga ngokufanayo nawe, nibe ngabahlobo. Nokuba nihlala phi, nikhonza phi, bayanidibanisa.

Ngaphezulu, u*Twitter* no-*Facebook* baluncedo kubantu abafuna ukubhengeza amashishini abo ngendlela engabizi mali eninzi. Kaloku, kule mihla izakhono zokusebenzisa la maqonga onxibelelwano sele zifuneka ukuze likhule ishishini.

Lilonke, abalulekile la maqonga onxibelelwano ebantwini xa esetyenziswa ngendlela efanelekileyo.

[Sithatyathwe ku-www.curratti.com/social-media, saguqulelwa saza sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**




[Sithatyathwe kwi-www.fnbnet.com, saze sahlelwa]

3.1 Xela ukuba yintoni le ithengiswa kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.2 Khetha igama eliNYE kwesi sibhengezo elibonisa ukuba le mveliso ibikade ingekho. (1)

3.3 Xela enye isevisi enikezwa yibhanki yakwaFNB ngaphandle kwezemali ngokwakwesi sibhengezo. (1)

3.4 Kutheni kubekwe ikhadi lebhanki kwesi sibhengezo-ntengiso? (2)

3.5 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo:

Inani elingama 24/7 lithetha ukuba iingcebiso zezonyango zifumaneka ... (1)

3.6 Bhala ngokupheleleleyo eli gama (le akhronim) FNB. (1)

3.7 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwezi zilandelayo. Igama 'yakho' libhekisa:

A Kwibhanki.
B Kumthengi.
C Kumthengisi.
D Kumfoti. (1)

3.8 Ingaba esi sibhengezo-ntengiso senzelwe ukunceda abathengi okanye umthengisi? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**




[Ithatyathwe ku-www.davegranlund.com, yaze yahlelwa]

4.1 Bangaphi abantu abakule khathuni? (1)

4.2 Xela izinto zibeMBINI abafana ngazo abantu abahamba phambi kwemoto kule khathuni. (2)

4.3 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwezi zingezantsi.

Igama 'ingathi' elikule khathuni:

A Liyayalela.
B Liyacebisa.
C Liyaxolisa.
D Liyacenga. (1)

4.4 Yintoni ebonisa ukuba imoto ekule khathuni ihamba ngesantya esiphezulu. (2)

4.5 Ingaba uyavumelana nentetho ekule khathuni ethi mayibengabaqhubi abalumkela abantwana ezindleleni? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.6 Ifundisa ntoni ngeengozi zendlela le khathuni? (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA F

**UKUGCINA KAKUHLE IMOTO YAKHO**

Masivumelane kwinto yokuba imoto kumele ilungiswe. Njengokuba nezinye iimveliso zombane ezifana ne*laptop* nefowuni ziye zimana zifakelwa i-*software* <u>ukuze</u> zisebenze kakuhle, kunjalo ke nakwiimoto. Loo nto iya kwenza ukuba **uphole** engqondweni. Ukumana uyisa ukuba iye kulungiswa imoto kukongela amafutha, kuhlisa neendleko ezenziwa kukuguga, utsho uyithembe imoto yakho. Ungaziboni sowuhamba ngeenyawo ngenxa yokonakalelwa yimoto endleleni, luphele uhambo lwakho sele lungaphumeleli. Enye into ukuyisa iye kujongwa imoto kunyusa ixabiso layo.

Xa iphelelwa lixesha iwaranti, ungafuni ukuyongeza akusekho nto ikubophelela ukuba uyise apho ubuyithenge khona, ungayisa nakwenye indawo iye kujongwa. Qiniseka nje ukuba loo ndawo isebenza ngokusemthethweni. Loo ndawo mayibe nabasebenzi abakufundeleyo ukulungisa iimoto.

[Sithatyathwe kwi*Bona* magazini, kaCanzibe 2019, iphepha lama-60 saze sahlelwa]

5.1.1 Nika isininzi segama 'imoto' elikumgca woku-1 kwesi sicatshulwa. (1)

5.1.2 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwezi zingezantsi:

Igama '**ukuze**' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa:

A Sisimelabizo
B Sisihlanganisi
C Sisibizo
D Sisichazi (1)

5.1.3 Bhala isivakalisi esinegama '**uphole**' elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa libenenye intsingiselo engafaniyo nale ikwisicatshulwa. (2)

5.1.4 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwezi zingezantsi:

Igama 'kukongela' kwisivakalisi, 'Ukumana uyisa ... imoto kukongela amafutha' likwisixando:

A Sokwenzana
B Sokwenzisa
C Sokwenziwa
D Sokwenzela (1)

5.1.5 Bhala esi sivakalisi singezantsi sibekwimo yombuzo.

Kuza kuhlisa neendleko zokuguga. (1)

5.1.6 Chonga isimelabizo soqobo kwesi sivakalisi singezantsi.

Ukungayilungisi kona kunyusa iindleko zamafutha. (1)

5.1.7 Bhala esi sivakalisi singezantsi sibekwingxelo ntetho.

'Ndiyokulungisisa imoto yam', utsho usisi.

Qala nangaluphi uhlobo kwezi: Usisi uthi .../
Usisi uvakalisa ukuba ... (2)

5.1.8 Khetha isibizo esiyintloko nesibizo esiyinjongosenzi kwesi sivakalisi singezantsi.

Umntu ulungisisa imoto.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isibizo esiyintloko. (1)

(b) Isibizo esiyinjongosenzi. (1)

5.1.9 Fakela isivumelanisi esifanelekileyo kwigama elikwizibiyeli kwesi sivakalisi singezantsi:

Yongeza iwaranti (-moto) kuba ibalulekile. (1)

5.1.10 Bhala esi sivakalisi singezantsi sibe kwixesha elidlulileyo.

**Umzekelo: Umfundi wasesikolweni ubhala uviwo.**
**Umfundi wasesikolweni ulubhalile uviwo.**

Abasebenzi basegaraji bayafunda. (2)

5.2 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**




[Sithatyathwe kwi-picsimages.com waze wahlelwa]

5.2.1 Lungisa isiphene kwigama elikwizibiyeli kwesi sivakalisi silandelayo.

(Zinintsi) iinkqubo zerediyo. (1)

5.2.2 Khetha isenzi kwesi sivakalisi singezantsi:

Ukhozi FM luhamba phambili. (1)

5.2.3 Tshintsha esi sivakalisi singezantsi sibekwisiNYE.

**Umzekelo: Abafundi bayabhala. (Isininzi)**
**Umfundi uyabhala. (Isinye)**

Iinkqubo zerediyo. (2)

5.2.4 Nika isinciphiso sesi sibizo 'Ukhozi' wakugqiba ulisebenzise kwisivakalisi.

**Umzekelo: Umntu-Umntwana. Umntwana uyalila.** (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**